

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2018

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C: Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ubemNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ngamandla ukuba usebenzise malunga nama:
 - 80 emizuzu kwiCANDELO A.
 - 40 emizuzu kwiCANDELO B
 - 30 emizuzu kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucekileyo.
11. UBUDE BEEMPENDULO:
ICANDELO A: Izincoko–Bhala isincoko esili-190–240 amagama.
ICANDELO B: Imihlathana emide- Bhala ama-80–100 amagama.
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane-Bhala ama-60–80 amagama.
[umxholo kuphela]

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuyila.

- 1.1 Ubomi bobuntwana. [50]
- 1.2 Impazamo endayenzayo yandenza ndomelela. [50]
- 1.3 Ungcoliseko lwendalo. [50]
- 1.4 Ixabiso lamathala eencwadi kwixesha le-intanethi. [50]
- 1.5 Ushishino luxanduva lomntu wonke. [50]
- 1.6 Xa ndinokubayinkokheli yabafundi edyunivesithi [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1

[Uthathwe kuwww.googleimages.com.]

[50]

1.7.2



[Uthathwe kwi-intanethi; Englishsolutionsco.blogger]

[50]**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuyila.

2.1 ILETA ESESIKWENI YOMBULELO

Bhalela umphathiswa wezonxibelelwano umbulele ngesipho seekhompyutha asinikezele kwisikolo sakho.

[30]**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari kamakhulu wakho.

[30]**2.3 INGXELO ESESIKWENI**

Ubuye kumela ulutsha kwinkomfa ebiseMelika apho bekuxoxwa ngokuthatha inxaxheba kolutsha kwezopolitiko. Bhala ingxelo malunga nenkomfa leyo.

[30]**2.4 UDLIWANONDLIBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi konontlalontle nomntwana osebenzisa iziyobisi.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuyila.

3.1 ISIMEMO

Bhala isimemo setheko lokuthi ndlelantle (*farewell*) kwinqununu yesikolo sakho.

[20]**3.2 UNGENISO LWEDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezintlanu ngelixa ubukwiholide zobusika.

[20]**3.3 UMYALELO**

Ucelwe ngumhlobo wakho ukuba umncede abhale ileta yobuhlobo. Mbhalele imiyalelo yokubhala olu hlobo lweleta.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100

